# VAKALISA ULUVO LWAKHO

# UMTHETHO OSAYILWAYO WESIKO LOLWALUKO [B 7B–2018]

IKomiti eSisigxina kuKhuseleko loLuntu, iMicimbi yezeNkcubeko nezeMidlalo yePalamente yePhondo leNtshona Koloni imema ababandakanyekayo namaqela anomdla ukuba azimase umanyelo-zimvo zoluntu kuMthetho oSayilwayo weSiko loLwaluko [B 7B–2018] oququzelelwa njengenxalenye yoxanduva lomgaqo-siseko leKomiti eSisigxina.

Injongo yoMthetho oSayilwayo kukukhusela, ukukhuthaza nokumisela ulwaluko ngokubonelela iintsulungeko nemigangatho eyamkelekileyo kwiziseko zamanqanaba kazwelonke nawamaphondo ngembono yokuqinisekisa ukuba ulwaluko lwenzeka phantsi kwemeko elawulekayo nekhuselekileyo. Lo Mthetho oSayilwayo ukwabonelela ngokhuseleko lobomi nothintelo loxhatshazo, ubonelela ngengcaciso ngamaxanduva, iindima nemisebenzi eyahlukeneyo yabadlala indima engundoqo kwisiko lolwaluko, kwakunye, nokwenza isibonelelo somiselo olusebenzayo lwezikolo zolwaluko.

**Umanyelo-zimvo zoluntu lulungiselelwe ngolu hlobo lulandelayo:**

**Umhla: 22 Septemba 2020**
**Ixesha: 09:00 – 13:00**
**Indawo: Intlanganiso yobuxhakaxhaka lwale mihla kusetyenziswa aMaqela e-MS**

Abantu kunye nemibutho enomdla iyakhuthazwa ukuba izimase kwaye ithabathe inxaxheba kumanyelo-zimvo zoluntu kwaye ingenise uluvo olubhaliweyo ngoMthetho oSayilwayo kwiKomiti eSisigxina kuKhuseleko loLuntu, iMicimbi yezeNkcubeko nezeMidlalo ukuze luqwalaselwe. Kuphela luluvo olukumxholo woMthetho oSayilwayo oluza kuqwalaselwa.

Nceda ungenise amangenelo ngoMthetho oSayilwayo kuMnu Waseem Matthews, iGosa leMigaqo yeeNkqubo, mhlawumbi nge-imeyile (wmatthews@wcpp.gov.za) okanye ngenqaku lelizwi kuWhatsApp (inombolo kanomyayi: 076 6333 133). Amangenelelo makafike kwiKomiti eSisigxina kuKhuseleko loLuntu, iMicimbi yezeNkcubeko nezeMidlalo phambi okanye ngo **28 Septemba 2020.** Nceda ubonakalise ukuba ingaba intetho yomlomo iza kwenziwa ngengenelo elibhaliweyo iza kwenziwa na.

Ulwazi oluthe vetshe nemo ekwikhompyutha yoMthetho oSayilwayo ziza kupapashwa kwiwebhsaythi yePalamente yePhondo leNtshona Koloni (www.wcpp.gov.za). Iikopi zoMthetho oSayilwayo ziza kuthunyelwa kubantu abanomdla xa ziceliwe.

**Sikhutshwe nguMnu RI Allen (MPP), uSihlalo weKomiti eSisigxina kuKhuseleko loLuntu, iMicimbi yezeNkcubeko nezeMidlalo.**